higher education & training

Department:
Higher Education and Training
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

MARKING GUIDELINE

NATIONAL CERTIFICATE (VOCATIONAL)

ISIXHOSA: FIRST ADDITIONAL LANGUAGE

(Iphepha lokuqala)

NQF LEVEL 3

02 November 2022

Le memorandam inamaphepha ali -9.

Copyright reserved

QAPHELA

- Le memorandam yenzelwe ukuba ibe sisikhokelo kubamakishi.
- Ayenzelwanga ukuba ibe ngummiselo ogqibeleleyo.
- Iimpendulo zabafundi mazithathelwe ingqalelo ngokokuchaneka kwazo.
- Iimpendulo mazihlolwe ngokupheleleyo namanqaku anikezelwe apho kufuneka anikezelwe khona.

IMIYALELO KUBAMAKISHI

Umakisho lwesicatshulwa sokuqonda:

Ngenxa yokuba kugxininiswa ekufundeni ngokuqonda, akufanelekanga ukuba upelo olugwenxa neemposiso zolwimi kwiimpendulo zezivakalisi zinyityelwe amanqaku ngaphandle kokuba ezo ziphene zitshintsha intsingiselo yempendulo elindelekileyo. Iimposiso ezikhoyo maziqatshelwe ngokukrwelelwa.

Kubaviwa abasebenzisa amagama athatyathwe kolunye ulwimi olungesiso isiXhosa ngobunjalo bawo, mabanganyityelwa manqaku ukuba ngaba iimpendulo ezinikiweyo zinembadla. Ngokunjalo ukuba igama elisuka kolunye ulwimi lisetyenziwe kwitekisi kwaye impendulo ifuna elo gama, oko kwamkelekile.

Kwimpendulo apho ziliqela iimpendulo ezichanekileyo akunikwa manqaku ngeempenduloezingu-EWE/HAYI, NDIYAVUMA/ANDIVUMELANI,YINYANI/UBUXOKI, YINYANI/ULUVO kuphela. Anikwa kuphela ngesizathu/ukuxhasa/nokuzakuzelela impendulo.

Apho kulindeleke iimpendulo ezigama linye aze umviwa anike isivakalisi, nika amanqaku ukuba ngaba igama elifanelekileyo likrwelelwe umgca ngaphantsi okanye ligqanyisiwe.

Kwimibuzo apho kulindeleke iimpendulo ezimbini/ezintathu, aze umviwa adwelise uluhlu lweempendulo, makisha **kuphela** ezimbini/ezintathu zokuqala.

Iilwimi zengingqi neziyelelani zesiXhosa zamkelekile.

Kwimibuzo ekulindeleke ukuba umviwa akhethe impendulo echanekileyo, makwamkelwe zombini, ukutsho oko unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE/OKANYE nempendulo echanekileyo ebhalwe ngokuzeleyo.

ICANDELO A: UKUFUNDA NOKUNIKA IIMBONO

UMBUZO 1: UVAVANYO LOKUQONDA

1.1 Kungenxa yokuba sonke siphila kukutya. (2)

1.2 Kwenziwa umngqusho✓ /Isidudu.✓ /Isonka.✓ /Amarhewu.✓/Utywala.✓
(Nasiphi na isithathu kwezi) (3)

1.3 KumaZulu yirayisi.✓/KwelaseNtla: uphuthu, ipapa ezizigaqa eyenziwa ngomgubo wombona.✓ (2)

1.4 Baziingcaphephe.✓✓/Banobuchule.✓✓
(Nayiphi na impendulo echanekileyo yamkelekile) (2)

1.5 Ngokusebenzisa ingqondo nobuchule obudibene nolwazi. (2)

1.6 Ukuba ikhe yatya ezingatyiwayo, yogula sisisu. (2)

1.7 Ibonakala ngokujika kwamazinyo,✓ Ukujika kolwimi✓ kunye nokujika komlomo.✓ (3)

1.8 Ziindaba ezingachanekanga.✓✓/Ulwimi.✓✓/Iindaba eziphosisayo.✓✓/Iindaba ezinongiweyo ngeenjongo zokonwabisa.✓✓
(Nayiphi na impendulo echanekileyo yamkelekile) (2)

1.9 Luluvo kuba akukho bungqina buphathekayo obuchaza oko.✓✓/Luluvo kuba abukho ubungqina bokuba amadoda awawutyi umfino.✓✓ Yinyani kuba nalapha kwisicatshulwa kubonakala ingamanina aphambili ekuwuphekeni nokuwutya.✓✓
(Nayiphi na impendulo echanekileyo yamkelekile) (2)

1.10 Sisiganeko apho kwenye ilali kwaphambana abafazi abalishumi✓ betye umfino ongenguwo,✓ basiwa esibhedlele basinda ekubhubheni.✓ (3)

1.11 Iqaqa aliziva kunuka.
(Nayiphi na impendulo echanekileyo yamkelekile) (2)

1.12 Ibethelela ingcinga yokuba abazisokolisi ngakuzingela ezehlathi batya nezi zifuywe emakhaya.
(Nayiphi na impendulo echanekileyo yamkelekile) (2)

1.13 Kuxhelwe exhukwane. (2)

1.14 Ndiyangqina kuba omnye umfo wothuka wabanda enikwe isele ukuba alitye kwabe eMelika iyeyona nyama ithandwayo kakhulu. (2)

1.15 Ndiyibona ilucalucalulo kuba beyaba ngokwesini nobudala.✓✓✓/Ndiyibona iyinto ezisa nebonakalisa imbeko ukuze abancinci bangaziboni begxuphuleka kwizitya zamaxhego.✓✓✓
(Nayiphi na impendulo echanekileyo yamkelekile) (3)

1.16 Yeyokuba indalo ingasihluthisa isizwe isinike ukutya okunesondlo nokuyimpilo kuluntu.
(Nayiphi na impendulo echanekileyo yamkelekile). (3)

1.17 Siyahambelana nomxholo kuba kushukuxwa iindidi zokutya.✓✓✓
Asihambelani nomxholo kuba isihloko simbaxa bekumele ukuba sithi, 'Ukutya kwakaXhosa' okanye, 'Ukutya kwemveli.'✓✓✓
(Nayiphi na impendulo echanekileyo yamkelekile). (3)

AMANQAKU ECANDELO A: 40

ICANDELO B: UKUFUNDA NOKUNIKA IIMBONO NOKUSETYENZISWA KOLWIMI

UMBUZO 2

Ukumakisha isishwankathelo:
Isishwankathelo masimakishwe ngolu hlobo:

Ulwabiwo- manqaku

- Iingongoma ezisixhenxe ezichanekileyo =7
- Ulwimi=5
- Imo= 3
- Amanqaku ewonke: 15

QAPHELA:

Ubalo-magama
- Abakorekishi kulindeleke ukuba baliqinisekise inani lamagama asetyenzisiweyo.
- Musa ukuthabatha amanqaku ukuba umlingwa akalibonakalisanga inani lamagama asetyenzisiweyo okanye ukuba inani lamagama libonakaliswe ngokungachanekanga. Ukuba udlule kwinani eliqingqiweyo, funda ukuya kumagama ama-5 ngaphezulu kwaqingqiweyo ungawahoyi alandelayo. Naziphi na iingongoma ezisi-7 kwezi zilandelayo ziyimpendulo yombuzo.

Umfundi angachankcatha kwezi ngongoma:

- Iswekile egqithisileyo iyingozi emzimbeni kuba ikhokelela kwisifo seswekile esigqugqisayo.
- Ityiwa egalelwe yagqithisela ekutyeni iba ninzi emzimbeni ibangele isifo sentliziyo nesifo sokumpontshwa kwegazi emithanjeni.
- Inyama ebomvu netyebileyo ibangela isifo esibizwa, 'ihigh high'.
- Isitatshi esigqithisileyo emzimbeni sibangela amanqatha ancedisa kwisifo seswekile.
- Ukupheka ukutya de kuthambe kakhulu kubangela izakhi mzimba zingabikho.
- Ukuqhotsa ngamafutha kuyingozi kuba kuthwele amafutha amaninzi.
- Okokugqibela ukutya okukhonkxiweyo kuba kudala kubangele abantu bakhale ngezisu ezibuhlungu nezihambisayo.

AMANQAKU: [15]

AMANQAKU ECANDELO B: 15

ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI

UMBUZO 3

3.1 3.1.1 Yisanithayza yezandla.✓/Yisanithayza.✓ (1)

3.1.2 Yithenge ngoku.✓/Yithenge.✓ (1)

3.1.3 Kukugqamisa umzi mveliso othengisa le sanithayza.✓✓/ Kukutsala umdla womthengi.✓✓
(Nayiphi na impendulo echanekileyo yamkelekile). (2)

3.1.4 Isixando sokwenzeka√Siphuhlisa ukuba isanithayza yeDettol iyasicoca isikhumba xa uthe wayisebenzisa.✓/Siphuhlisa ukuba isanithayza yeDettol igutyula ubumdaka.✓
(Nayiphi na impendulo exhasayo echanekileyo yamkelekile) (2)

3.1.5 Ibulala iintsholongwane✓ Isishiya isikhumba sicocekile.✓ Isishiya isikhumba simpuluswa.✓ (3)

3.1.6 B.✓/ B. Ulwimi olujij'ingqondo.✓ (1)

3.1.7 Dettol, isibulala zintsholongwane esivunyiweyo. (2)

3.1.8 Fumana✓ Sichaza ukuba ubani makazifumanele isanithayza akwazi ukucoca izandla/Sichaza ukuba ubani angaphoswa yisanithayza/Sichaza ukuba isanithayza yezandla yeDettol iyafumaneka.✓
(Nakuphi na ukuxhasa okuchanekileyo kwamkelekile) (2)

3.1.9 Luyahambelana kuba lingumqondiso wempilo, mpilo leyo izuzekayo ngokusebenzisa le sanithayza.✓✓/Aluhambelani kuba umnqamlezo ikwaluphawu loxolo omele ubuKrestu, xolo olo lungangeni ndawo kwisanithayza.✓✓
(Nayiphi na impendulo echanekileyo yamkelekile.) (2)

3.1.10 Kukuba umthengi angaphozisi maseko akhawuleze ukuya kuzifunela le mveliso. (2)

3.1.11 200ml,✓/ 150ml✓/, 600ml✓/ 750ml✓
(Nasiphi na isibini kwezi) (2)

3.2 **UKUQONDA EMINYE IMIBA YEMIDIYA**

3.2.1 Ubonisa ukuyicenga le nqwelo. (2)

3.2.2 Lungumqondiso wokudinwa.✓✓/Lungumqondiso wokubamba umzimba, ukuminca.✓✓
(Nayiphi na impendulo echanekileyo yamkelekile.) (2)

3.2.3 Yimvakalelo yokukruquka.✓✓/Yimvakalelo yokuphelelwa lithemba.✓✓
(Nayiphi na impendulo echanekileyo yamkelekile.) (2)

3.2.4 Kwisakhelo soku-1 ukhangeleka ekwimo yoxinzelelo nokuxhalaba✓✓ kanti kwisakhelo sesi-3 ikwimeko ebonisa ukuvuya.✓✓ (4)

3.2.5 Yona✓ Iphelelwe yona kufanele ukuba kufakelwe enye.✓
(Nasiphi na isivakalisi esichanekileyo samkelekile) (2)

3.2.6 Yimigca emine ejikeleze intloko yakhe.✓/ Ulwimi luphandle.✓/ Umqolo ugobile.✓/ Utyhala ngesandla esinye.✓ Esinye isandla sixhase edolweni ukuze angawi kukudinwa.✓
(Nasiphi na isiBINI kwezi) (2)

3.2.7 Ihlutshwa yiklatshi. (2)

3.2.8 Kukuba uKeith engabizi mali, kube ukuthengwa kweklatshi entsha kona kubiza imali ngoko ke kubonakala ukuba kuza kusetyenziswa uKeith rhoqo ukutyhala.
(Nayiphi na impendulo echanekileyo yamkelekile.) (2)

3.2.9 Yeyokuba xa ungenanto uba sisisulu, kuba uKeith engenanqwelo usisisulu sokutyhaliswa imoto.✓✓/Qinisekisa ngokubasemgangathweni kwemoto yakho ngokuthi uhlale uyihlola rhoqo.✓✓
(Nayiphi na impendulo echanekileyo yamkelekile). (2)

AMANQAKU ECANDELO C: 40

ICANDELO D: ISIHOBE

UMBUZO 4

Tywala Ungumlahlekisi IV Mtamzeli

4.1 Sisicatshulwa sombongo esakhiwe ngezitanza ezine.✓✓/Izitanza ezibini esokuqala nesesine zakhiwe ngemiqolo elinganayo eli-9 ze esesibini sakhiwe ngemiqolo eli-11 esesithathu sanemiqolo eli-10. Istanza ngasinye sinomqolo ofanayo (impinda).✓✓ (2)

4.2 Umqolo wesi-2 wakhiwe ngamagama amathathu kanti umqolo wesi-3 wakhiwe ngamagama amabini. (2)

4.3 Kukuva ngeempumlo.✓ Ukubona ngamehlo.✓ Ukuva ngomzimba.✓
(Nasiphi na isibini kwezi) (2)

4.4 Siphuhlisa ukuba wakungena etywaleni buyakubophelela kube nzima ukwahlukana nabo.✓✓/Utywala abunaziphumo zintle.✓✓
(Nayiphi na impendulo echanekileyo yamkelekile) (2)

4.5 Kukubonisa ukuba utywala buyayimosha ingqondo yomntu njengokhula lumosha izityalo.✓✓✓/Utywala buyenza ingqondo ingazinzi.✓✓✓/Utywala buyayidodobalisa ingqondo ingasebenzi kakuhle.✓✓✓/Utywala buyayibulala ingqondo.✓✓✓/Utywala buyenza ingqondo ingakhuli.✓✓✓
(Nayiphi na kwezi) (3)

4.6 Ukusela utywala kukuzithwalisa ubunzima obuhambelana nosathana nalapho ubani aphelela esihogweni.
(Nayiphi na impendulo echanekileyo yamkelekile) (2)

4.7 Kukugxininisa ukuba utywala buyalahlekisa.✓✓/ Imbongi yenzela ukuba ibetheleleke ezingqondweni zabantu ukuba utywala abulunganga.✓✓
(Nayiphi na kwezi) (2)

4.8 Ziingxwelerha.✓/ Amatshijolo.✓/Ukulahlekisa.√/Busa esihogweni.✓/Buthoba imbeko.✓ /Buphephetha iintloni.✓ /Buphephetha isimilo.✓/ Izililo.✓
(Naziphi na ezintathu kwezi) (3)

4.9 Uphindaphindo lwamagama✓ ukugxininisa ukuba xa ubani esithi ususa ukunxanwa ngotywala kumka nentlonipho.✓✓ (3)

4.10 Utywala busezela ubulumko kookumkani.✓✓/Ookumkani baba ngamatshijolo balawulwe ngamaphakathi.✓✓/Kubakho amanyala avelayo nokungahlonitshwa komthetho. ✓✓ (Nayiphi na kwezi) (2)

4.11 Kuphela ubuhle abe muncemunce✓/ Abe matshandatshanda anga ubuya edabini.✓ Abe yekeyek'igaz'ange yena selafa.✓/ Izitho zibe msingizane ibe ngathi zezikanopopi.✓ (Naziphi ezintathu kwezi) (3)

4.12 Sisithi uyasela kuphela. (2)

4.13 Mvano siqalo/Mfano siqalo (2)

4.14 Kukudala isingqisho.✓✓/ Kukudala undindwano.✓✓ (2)

4.15 Umthetho wokuba bungathengiswa ngempela veki,✓ kuba abantu abaninzi abaphangelanga ngoko ke eli thuba balithatha njengethuba lokuzonwabisa kwaye neziyunguma zenziwa ngeli xesha leveki.✓✓ Umthetho wokuba iindawo ezithengisa utywala zingavali ebusuku,✓ kuba abantu baye bagoduke ngobusuku baze bonzakale endleleni.✓✓
(Nayiphi na impendulo echanekileyo yamkelekile) (3)

4.16 Kukulumkisa abantu ngobungozi botywala.
(Nayiphi na impendulo echanekileyo yamkelekile) (2)

4.17 Makudilizwe iibhari zingabikho✓✓/. Iidiliya mazityiwe zingamfaxangwa.✓ √/Mabagwetywe abasela utywala.✓✓/Ukuba utywala abuyekwa isizwe siza kutshabalala.✓✓ (Nayiphi na kwezi) (2)

4.18 Ukuba utywala buyayitshintsha inkangeleko yomntu.
(Nayiphi na impendulo echanekileyo yamkelekile) (3)

4.19 Ngumbongo wosiba.✓ Kuba ucwangcisiwe./✓✓ Kuba wakhiwe wanezitanza ezinemiqolo elinganayo.✓✓/ Kuba awunaso isivula nesivala sibongo.✓✓
(Nakuphi na ukuxhaswa okuchanekileyo kwamkelekile). (3)
[45]

AMANQAKU ECANDELO D: 45

ICANDELO E: UNCWADI LWEMVELI

UMBUZO 5

5.1 Isivula ntsomi okanye isivula mlomo.✓/ Kwathi ke kaloku ngantsomi.✓/ Uphindaphindo lwelungu lwegama umzekelo phiphiphi.✓/Isivala mlomo okanye isivala ntsomi✓/ Phela phela ngantsomi.✓/Ingoma.✓ Igongqongqo.✓
(Nasiphi na isibini kwezi) (2)

5.2.1 Umyalelo wokuba bangahlali de kurhatyele. (1)

5.2.2 Ukutyeshelwa kwawo: uNomaza ulibala irhengqe kanina kufuneke ukuba ajike yedwa sekurhatyela ukuya kuyilanda. (1)

5.2.3 Ungcungcutheko: Ukubanjwa afakwe engxoweni ngeenjongo zokuba uza kutyiwa. (2)

5.2.4 Usindiso, usindiswa kukuthi xa ahamba ecula kuviwe izwi lakhe ngamadoda kwindawo yentselo baza bathuma igongqongqo liyokukha amanzi ngebhekile evuzayo, bamkhupha engxoweni bafaka zonke izinto ezilumayo. (2)

5.3 Kukubamba umdla wabaphulaphuli ide iphele intsomi.✓/Ukonwabisa.✓/ Ukudlwengula umxhelo wabafundi/wabaphulaphuli.✓ Ukufundisa nokululeka.✓ /Ukwenza unxulumano phakathi kombalisi nabaphulaphuli.✓
(Nayiphi na echanekileyo kwezi) (1)

5.4 Kukufundisa abantu ukuba bayilandele imiyalelo./ Kukufundisa abantwana ngobungozi babanye abantu abagcwalise ilizwe.
(Nayiphi na impendulo echanekileyo yamkelekile) (1)

AMANQAKU ECANDELO E: 10
AMANQAKU EWONKE: 150

Copyright reserved